



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2011

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-14.

ULUHLU LOKUKHANGELA

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDELIWEYO | PHAWULA |
|---|--------------------|---------------------------------|---------|
| A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 1 – 4 | 1 | |
| B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 5 – 6 | 1 | |
| C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 7 – 8 | 1 | |
| D: Isihobe | 9 – 12 | 2 | |

QAPHELA: Phendula umbuzo ubeMNYE nakweliphi iCandelo kula; A, B, noC.
Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

Kusa kusihlwa – KS Bongela

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ukungonwabi kukaNomakhwezi oyinkosikazi kaLungile emzini wakhe njengomnikazimzi.
 - Ubukhwele obukhohlakeleyo.
 - Ifuthe lolwimi likaNozililo kwimpilo kaNomakhwezi.
 - Ubudenge bukaNomakhwezi bokukholelwa kuyo yonke into ayivayo ngendoda yakhe.
 - Ukungaboni ukwaphuka kwempilo yomyeni wakhe ngenxa yezenzo zakhe.
 - Ukuwenzakalisa ngokwakhe umtshato wakhe.
 - Ukungeva kucetyiswa nguYolisa.
 - Ukungabi nambeko kwindoda yakhe.
 - Ukumqanda nokumgada uLungile kwizinto azenzayo ngenxa yobukhwele.
 - Ukungafuni abantu bomzi wakhe namasiko abo.
 - Uchuku lwakhe kubancedisi bakhe evenkileni.
 - Umsindo wakhe owakhokelela ekutyobozeni imoto yabelungu.
 - Uhambo lwabo lokuggibela.
- ULungile ubambe isidima sobudoda ngokunyamezela yonke le nto.
 - Indlela ahleli ngayo emzini wakhe.
 - Ukwaphuka kwempilo yakhe.
- UMpumelelo nempixano yangaphakathi.
 - Ubulolo bakhe esikolweni.
 - Izinto awayezenza nezo zazisenziwa kuye.
 - Ukugula kwakhe.

Indima edlalwa nguNozililo kubomi bakhe.

[35]

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Kusa kusihlwa – KS Bongela

ISICATSHULWA A

- | | | | |
|-----|-------|--|-----|
| 2.1 | 2.1.1 | Ngumqhubi wenqwelo yezigulane kwelaseStanger/ngummelwane kaLungile eMlazi. ✓ [Nayiphi enye kwezi] | (1) |
| | 2.1.2 | NguLungile/yinkosikazi yakhe/nguNomakhwezi. ✓ [Nayiphi enye kwezi] | (1) |

- 2.1.3 Ukwimo yonxunguphalo/wothukile/ukhathazekile kukubhubha kommelwane wakhe engagulanga/umangalisiwe/akakholelwa yile nto ayibonayo/ukhwankqisiwe/udidekile. √ [Nayiphi enye kwezi] (2)
- 2.1.4 Ewe, wayeqhuba imoto ingqondo yakhe ithe lwale ziingcinga zobukhwele, enomsindo, wasinyusa isantya semoto engaqaphelanga. √√ (2)
- 2.1.5 Wayephepha isiphekepheke semoto edolweni, woyiswa kukuyilawula yaya kuntlitheka ematyeni yabhukuqa. √√ (2)
- 2.1.6 Wasuka waliphakuphaku elisuka likhale, akhwaze ekhala ngomlilo abaleke. √√ (2)
- 2.1.7 EMlazi/apho ahlala khona/ngummelwane wakhe/ekhaya √ [Nayiphi enye kwezi] (1)

ISICATSHULWA B

- 2.2 2.2.1 Lulutsha/ngamaXhosa/ngabantu abamnyama √ [Nayiphi enye kwezi] (1)
- 2.2.2 Litheko lokuvuyisana noMpumelelo kuba ebuye ephilile eKapa/litheko lokuvuyisana noMpumelelo. √√ (2)
- 2.2.3 Ubile/uxozeke/ushikixeke. √√ [Nasiphi isibini] (2)
- 2.2.4 Lithetha abantu abaninzi. √√ (2)
- 2.2.5 Kukuba novakalelo kusike ngaphakathi/kukulunywa okanye ukuziva ulunywa √√ (2)
- 2.2.6 Amagqwetha/iitishala/abongikazi/oosomibane/abakhandi beemoto /abenzi beendlela neebhulorho/abakhi/abalimi/abaphathiswa micimbi yobuRhulumente bangomso. √√ [Nasiphi isibini] (2)
- 2.2.7 lyakhuthaza. √ Sicela umngeni kuthi bantu bamnyama sikhuthaza ukuba sixabise imfundo. √ (2)

ISICATSHULWA C

- 2.3 2.3.1 A Ngabahlobo/A/Ngabahlobo. √ [Nayiphi enye kwezi] (1)
- 2.3.2 liyaphoxa √ (1)
- 2.3.3 “Ngathi yinjana” √ (1)

- | | | |
|-------|---|-----|
| 2.3.4 | Ninamazwi angqokolayo/ amazwi amakhulu nanendyondyo/nitsho ngamazwi anebhesi ngathi ningabantu abadala/amazwi angqokolayo/adokodoko. \/\ [Nayiphi enye kwezi] | (2) |
| 2.3.5 | Wafika wathandaza \ wawajonga amangcwaba abazali bakhe ecinga. \/ | (2) |
| 2.3.6 | Wafikelwa yingcinga yokuba ngaba abazali bakhe bavuyisana naye kuba eqqibile ukufunda. \/\ | (2) |
| 2.3.7 | Aze afunde \ kwaye asebenze. \/ | (2) |
- [35]**

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

Umqol'uphandle – PM Ngani

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Udaba lokufa kukaEddie noLulama.
 - Indawo abafunyanwa kuyo.
 - Indlela abafe ngayo.
- Umcuphi uDick uyaqalisa ngophando.
 - Ukuphanda endlwini kaEddie.
 - Ileta evela kuLinda awayifumanayo.
- Inkosikazi yakwaHobe
 - linjongo zale nkosikazi ngokudibana noDick.
- UDick eMoonglow Night Club
 - Intetho zamalungu ale Club ngoEddie.
 - Ukubona kwakhe uLinda.
- Incoko kaEddie noDuma Hlelo.
 - Amavili emoto aziiRoad Masters.
 - Ivolovolo nemisesane.
- ULinda noDick
 - Ingxabano yabo.
 - Imeko kaLinda akuva ezi ndaba.
 - Ukubanjwa kukaLinda.
- Incoko kaEddie noJoe Bumba.
 - Inenekazi elaliseRio Cinema.
 - Itape recorder
 - Umzila wamavili
- UDick uya eFemina House
 - Iziphumo zolu hambo.

- Uphando neziphumo zalo.
 - UDick namapolisa eMoonglow Club.
 - Ukubanjwa kwabarhanelwa.
 - Ukukhululeka kukaLinda.
 - Ubungcaphephe bukaDick.

[35]

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Umqol'uphandle – PM Ngani

- | | | | |
|-----|-------|--|-----|
| 4.1 | 4.1.1 | KuSkhuvethi, kuMaKheswa nakumadoda ayesela utywala kwaMakheswa\ | (1) |
| | 4.1.2 | BakwaMaKheswa/baseshibhini kaMaKheswa \ [Nayiphi enye kwezi] | (1) |
| | 4.1.3 | Sisithandwa sakhe/yindoda athandana nayo \ [Nayiphi enye kwezi] | (1) |
| | 4.1.4 | Ufuna ukuphelisa into anayo/uphelisa ukukhumbula uEddie /iingcinga ezingoEddie\ \ [Nayiphi enye kwezi] | (2) |
| | 4.1.5 | Aiyonyani. \ Uxelela uHlobo ukuba ngaloo mini yokufa kukaEddie yena wayesele kwaye wayeqala ukusela.\ | (2) |
| | 4.1.6 | "Myekeleni kum uEddie lo; ndiza kumlungisa ngokwam" \ \ | (2) |
| | 4.1.7 | Lo mboniso wawuza kuboniswa okokugqibela. \ | (1) |
| | 4.1.8 | Hayi, okukhona usele kokukhona uzingayo ezi zinto ufunu ukuzilibala/Ingxaki edala ezi ngcinga ihlala ikho xa buphelile utywala entloko uphinda ucinge\ \ | |

OKANYE

Ewe, ulibala konke ujunge le into iphambi kwakho/xa ushushu ingqondo ayisebenzi kakuhle ngoko ke awucingi zinto zibalulekileyo. \ \

- | | | |
|--------|---|-----|
| 4.1.9 | Wayethandana noLinda noLulama ngexesha elinye. \ \ | (2) |
| 4.1.10 | Amavili emoto eyayiqhutywa ngumrhanelwa ziRoad Masters kwaye uLinda wayesebenzia iRoad Masters zodwa\ /UEddie wabulawa yimbumbulu ephuma kwi -.38 automatic noLinda enevolovolo elelo hlobo\ /ibhatyi yenenekazi elangena eRio Cinema ngemini yokufa kukaEddie ifana nqwa nekaLinda\ /uLinda wamkhulula ukuba aye nesithandwa sakhe ebhayaskophu yena akaya\ /ngemini yokufa kukaEddie uLinda wasela utywala nto leyo awayeqala ukuyenza\ / lleta awambhalela yona emxelela ukuba akaphumeleli kwibhayaskophu ekwamkhululela ukuba makahambe nesithandwa sakhe asithandayo.\ \ (Nasiphi na isithathu) | (3) |

- 4.1.11 Ithetha ukuba uLinda sele eshushu/enxilile. √√
[Nayiphi enye kwezi] (2)
- 4.1.12 Kwakukudala ewubukela loo mboniso edikiwe nguwo/wayefuna ukucengwa nguEddie. √√ (2)
- 4.2 4.2.1 Kwindlu endala enkulu, enesithinzi/eMoonglow √
[Nayiphi enye kwezi] (1)
- 4.2.2 “Kuthe xum ngephanyazo” √ (1)
- 4.2.3 Kwakusisisi seenqawe nemidiza esasidale iingqimba zamafu/ kwakukhanya luzizi. √√
[Nayiphi enye kwezi] (2)
- 4.2.4 Lubaxo/sisibaxo/lugqithiso/lubabazo √√
[Nayiphi enye kwezi] (2)
- 4.2.5 Wayedulile ukuba ungumcuphi /wayevelele esaziwa ukuba ungumcuphi/wayesaziwa. √√
[Nayiphi enye kwezi] (2)
- 4.2.6 Yivolovolov/kunye nencwadana yokuthatha amanqaku.√ (2)
- 4.2.7 Ukulala phantsi kalusizi/ukulala uthi natya. √√ (2)
- 4.2.8 Lalilumkisa abantu ababelapho ukuze bangaphazami, kwaye angeva yena umcuphi lowo. √√ (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

Ndiyekeni – DM Jongilanga

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- UNdila uphelelwa ngumsebenzi.
 - Ubutitshala bakhe.
 - Ukunxila ngexesha lesikolo.
 - Ungquzulwano phakathi kwakhe nabaphathi besikolo.
 - Iziphumo zentlanganiso.
 - Impindezelو yakhe kuMawonga.
 - Ukubanjwa kwakhe.
- Izenzo zikaMawonga ezikhokelele ekuphelelweni ngumsebenzi.
 - Inqununu yesikolo iNobutho.
 - Ukuthandana kwakhe noZanele.
 - Ukusela kwakhe utywala.
 - Ukungakhathaleli usapho lwakhe.
 - Impindezelو yakhe kuNdila nabahlobo bakhe.
- Usihlalo wekomiti uMadala
 - Indlela aphatha ngayo iintlanganiso zakhe.
 - Ukuziphatha kwakhe.
- Amanenekazi aseMdantsane, uFuneka noZanele.
 - Imisebenzi yabo.
 - Indlela abaziphethe ngayo.
 - lyelenqe labo noNdila.
 - Iziphumo zeyelenqe.
 - Ukubanjwa kwabo.

[35]

OKANYE

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Ndiyekeni – DM Jongilanga

ISICATSHULWA A

- | | | | |
|-----|-------|--|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | NguMadala ✓ | (1) |
| | 6.1.2 | "... kudala siquq'apha ..." ✓ | (1) |
| | 6.1.3 | Uyavuma ukuba uyabusela utywala. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.4 | Unxilile/uqhuba amatakane/utyle/usele itywala. ✓ [Nayiphi enye kwezi] | (1) |

- 6.1.5 NguLoni noNdila √√ (2)
- 6.1.6 Kukunxila kukaNdila. √ (1)
- 6.1.7 Ewe. Kuthunywa bona ukuya kubuthenga utywala ngutitshala wabo. √√ (2)
- 6.1.8 Kubangelwa kukuba uNdila ebemnyobile ngemali uMadala ukuba amthethelele okanye abe ngakwicala lakhe. √√ (2)
- 6.1.9 Umsindo wobudenge uyawumosha umcimbi/ukwenza izinto ngomsindo akulungisi nto. √√ (2)
- 6.1.10 Siza kugxotha le siyeke eyiphi/siza kwenza le kulo siyeke kulo. √√ [Nayiphi enye kwezi] (2)
- 6.1.11 Yaggiba ekuben i myekise emsebenzini/yamgxotha. √√ [Nayiphi enye kwezi] (2)
- 6.1.12 Wasamkela. √ Wafaka isicelo sokurhoxa emsebenzini. √ (2)

ISICATSHULWA B

- 6.2 6.2.1 Emzini kaNdila. √ (1)
- 6.2.2 Kukwenza into engazukuphumelela/ukuzixhamla ngelize. √√ [Nayiphi enye kwezi] (2)
- 6.2.3 Kukuphelelwa ngumsebenzi/kukugxothwa emsebenzini/ usengxakini√√ [Nayiphi enye kwezi] (2)
- 6.2.4 Uyaphosisa√ kuba uMaziko akamfuni uMawonga ufuni isikhundla sakhe. √ (2)
- 6.2.5 "Ndafa namthanyana." √√ (2)
- 6.2.6 NguMawonga/yinqununu yesikolo/nguLoni. √ [Nayiphi enye kwezi] (1)
- 6.2.7 Ukrwada/oma ecaleni kwendoda yakhe nokuba sekukubi√ [Nayiphi enye kwezi] (1)
- 6.2.8 Yenza ngaphezu kokuba umntu okwenzakalisayo esenza/ ziphindezele ngaphezulu koba ebenzile kuwe/ziphindezele ngokugqithisileyo. √√ (2)
- 6.2.9 Uyacaphuka kuba uMadala uthathe imali yomyeni wakhe kuba eza kumthethelela entlanganisweni ngoku akaphumelelanga. √√ (2)

AMANQAKU ECANDELO B: **35**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

Ndakuyicel'ivuthiwe – LL Ngewu & EZ Guqa

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ubungqwabalala bukaMathidala kusapho lwakhe.
 - Ingqequesho yakhe.
 - Ukuphoxwa kwakhe nguThandile, umafungwashe.
 - Isohlwayo awasifumanayo uThandile.
 - Ukuphoxwa kwakhe okwesibini nguNobesuthu noNomtha.
 - Ugxotha kwakhe ezi ntombi zombini.
- Ukungenelala kukaTyhobeka uyisekazi wabo.
 - Ukunika kwentombi zikaMathidala
 - Imeko yakwaTyhobeka
 - UTyhobeka uthetha noMathidala
- Ukutshintsha kweentombi zikaMathidala
 - Imizamo kaThandiwe ngabantwana bakowabo.
 - Impumelelo yeentombi zikaMathidala.
 - Isiggibo sazo nokufika kwazo kowazo.

[35]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Ndakuyicel'ivuthiwe – LL Ngewu & EZ Guqa

- | | | | |
|-----|-------|--|-----|
| 8.1 | 8.1.1 | Ayefuna ukumngxolisa ngokunqaba kwakhe kwiimbizo neentlanganiso zamakhwenkwe/ayecaphukela ukuzenza kwakhe intombazana eyinkwenkwe √√ [Nayiphi enye kwezi] | (2) |
| | 8.1.2 | Wayengayazi into abizelwa yona ngamakhwenkwe kuba akathandi ukuba nawo/wayengenabuhlobo namakhwenkwe ethanda amantombazana. √√ [Nayiphi enye kwezi] | (2) |
| | 8.1.3 | Kukusoloko ephakathi kwamantombazana. √ | (1) |
| | 8.1.4 | Aiyiyonyani, √ wabuza ukuba ukuzibandakanya kwakhe namantombazana yinto eyonani leyo. √ | (2) |
| | 8.1.5 | Injongo yawo yayikukuba naye aziphathe kakubi njengawo/ ayefuna azibandakanye kwizenzo zobundlavivini. √√ [Nayiphi enye kwezi] | (2) |
| | 8.1.6 | Wafunga ukuba akasoze aphinde abe nanto yakwenza nezinjalo izibhovubhovu/akasoze aphinde aye xa embiza. √√ | |

8.1.7 Hayi, yayililungelo lakhe ukuhlala namantombazana xa efuna. √√

OKANYE

Ewe, kuba babefuna ukuba azibandakanye nabo enze izenzo
zobukhwenkwe. √√ (2)

8.1.8 Andivumelani, √ kuba ngawo athatha isigqibo sokuba makahambe
kuloo lali kuba uza kumosha abantwana bawo ngokuthi
eyinkwenkwe ahambe namantombazana. √ (2)

8.2 8.2.1 Azeya, ahamba eshiya imizi yawo. √√ (2)

8.2.2 B Izikrelemnqa/B/Izikrelemnqa √ (1)

8.2.3 Okwenkunzi yemfene√, isifaniso√ (2)

8.2.4 Abantu bakhona abathandi kulwa bangamakhumsha/ngamagwala
afundisiweyo. √√
[Nayiphi enye kwezi] (2)

8.2.5 Kukunqaba kwemisebenzi. √ (1)

8.2.6 Ebeshiya imizi yawo ngeempela-veki aye kude. √√ (2)

8.2.7 Ewe, aswele into yokwenza. √√

OKANYE

(2)

Hayi, ukulwa yinto yomntu wonke. √√

8.2.8 Ukubhenela emapoliseni/kwimibutho yasekuhlaleni yokugcina
ucwangco/ukufuya inju/ukwenza udonga oluluqilima√√
[Nayiphi enye kwezi] (2)

8.2.9 Kwalahleka amaxwebhu aneenkcukacha√√ (2)

8.2.10 NguMaqhazolo√ (1)

8.2.11 Wamdubula eqatheni wamlahla phantsi√√ (2)

8.2.12 Saphelela kokwaso eBhayi, singakwazi ukuzenzela nto umzimba
wonke ufile. √ (1)

[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE – VUKANI MADODA KUSILE

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- | | | |
|------|--|-----|
| 9.1 | Yisonethi√, inemigca eli-14√, i-okthevi nesestethi/ inezitanza ezibini, esinye simemigca esibhozo esinye sinemigca emithandathu.√ | (3) |
| 9.2 | C Okhthevi/C/okhthevi√ | (1) |
| 9.3 | Siphuhlisa ukuba intlalo eyiyo yeyokuba abantu bancekelelane, bacingelane, baxhasane banqwanqwadane. √√ | (2) |
| 9.4 | Ngumntu ozicingela ukuba ubhetele kunabanye abantu/ ngumntu obajongela phantsi abanye abantu/ngumntu oziphakamisileyo ongafikelelekiyo ebantwini/ ngumntu ozigwagwisayo ozibona emkhulu kunabanye abantu. √√ [Nayiphi enye kwezi] | (2) |
| 9.5 | C Zombini ezi zingentla/C/zombini ezi zingentla√ [Nayiphi enye kwezi] | (1) |
| 9.6 | A aabb/A/aabb√ | (½) |
| 9.7 | Abantu mabaxabisane babekane. √√ | (2) |
| 9.8 | Umbhali uayala ukhuthaza umanyano. √√ | (2) |
| 9.9 | Imbongi icebisa abantu ngendlela amabahlalisane ngayo, ikhuthaza umanyano nobunye eluntwini. √√ | (2) |
| 9.10 | Imbongi ikhathazekile/ibuhlungu. √√ | (2) |
- [17½]**

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- | | | |
|------|---|-----|
| 10.1 | Caabb/C/aabb√ | (½) |
| 10.2 | Uyamcebisa/uyamkhupha engxakini/uyamnqanda xa esenza into engeyiyo. √√ [Nayiphi enye kwezi] | (2) |
| 10.3 | Isinika iimpawu zomhlobo wenene. √√ | (2) |
| 10.4 | Andithuthuzele xa ndisentlungwini/andixolise umphefculo xa ndinentlungu. √√ [Nayiphi enye kwezi] | (2) |
| 10.5 | Sisifaniso√ | (1) |

- 10.6 Ngumbongo-nkcazo√ uchaza iimpawu zomhlobo wenene.√ (2)
- 10.7 Siphuhlisa ukuba umhlobo wenene ukukhokelela empumelelweni/wenza konke okusemandleni ukukunceda uphumeze iminqweno yakho/uyakuxhasa kwimizamo yakho de uphumelele. √√
[Nayiphi enye kwezi] (2)
- 10.8 "Umzingisi akanashwa" √ Isaci√ (2)
- 10.9 Ewe, xa uyigcine kuwe iyakungcungcuthekisa/ufumana isisombululo. √√
- OKANYE** (2)
- Hai, xa uxelela abantu baza kuhamba behlekisa ngayo. √√
- 10.10 Umntu ongenasifuba/othetha yonke into/olilopholopho/onolwimi. √√
[Nayiphi enye kwezi] (2)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 11.1 Isitanza 2 sinika umfanekiso wemoto endala enyuka iqhina/imoto ekhohlelayo/umntu ophethwe ngumbefu/okhefuzelayo. √√
[Nayiphi enye kwezi] (2)
- 11.2 Sisimntwiso√√ (2)
- 11.3 Okoxinwe ngumbefu√ (1)
- 11.4 Le moto izixelete ukuba ayizukuncama nokuba imeko ithini ngoba iyazi ukuba xa uncekelele uyaphumelela.√√√
[Nayiphi inkazo evakalayo iya kwamkeleka] (3)
- 11.5 Uyagxininisa ukuba xa unyamezele uyaphumelela kwaye usa kuphumelela utsho ube namandla okubheka phambili nempumelelo yakho.√√√ (3)
- 11.6 Isifundisa ukuba nenzondelelo/ukunganikezeli ebomini/impumelelo ayifumaneki lula. √√ (2)
- 11.7 Ukruqukile ngenxa yobunzima abuvayo.√√ (2)
- 11.8 Umntu ophethwe liphika uyakhefuzela aphelelwe ngamandla, nemoto enyuka iqhina itsala nzima icothe.√√ (2)
- 11.9 C Ngumbongo-nkcazo/C/ngumbongo-nkcazo√
[Nayiphi enye kwezi] (½)
[17½]

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 12.1 Iphuhlisa ukuba imingcunube iyabukeka. √√ (2)
- 12.2 "Nenziwa zintloni okanye ngamabhongo na?" √ (1)
- 12.3 Amahobohobo akha emasebeni emingcunube.√/Umhambi uphumla phantsi komthunzi wayo.√ (2)
- 12.4 Ludala umfanekiso ngqondweni wemingcunube isiya macala onke, ityhalwa ngumoya. √√ (2)
- 12.5 Imbeko√/Uthando√/Ukuthobeka√ (3)
- 12.6 Umbhali uncoma ubuhle bomngcunube√ ukomelela kwawo√ nokuba luncedo kwawo.√ (3)
- 12.7 "Kodwa ke nina aniziqhayisi-√ (1)
- 12.8 Sisimntwiso√ (1)
- 12.9 Ufundisa ukuba sifanele ukuba sibe nothando, imbeko nentobeko phantsi kwazo zonke imeko. √√ (2)
- 12.10 A aabbcc/A/aabbcc√ (½)
[17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70